

BONISANI.

DILAHLEKELWE yimazi enkulu e-bomvu ibityebile ngamacala omabini entanyeni inomsho oti MP kwelinye icala awuqondakali igama. Uhlakilelele unqapellele kodwa okwelinye icala intango zalo zintsundu kancinane, inekolwana engacaleyo.

Inenkonyanakazi eyanyayo imtuqwa bumfusa inqina langasekunene lomlenze limblope iselula. Ihlakile endle ngo 30 May, 1888. Ondilandiseleyo wovuzwa kakubile atumele knm.

RENTON G. MBULULA, c/o H. M. Lowz, Esq., Ezigodlo, Iquibica, by King W. Town.

KUKO

C. A. Jay & Co.

Malunga Nezituba zo Daya no Aluveni

Eqonce (Kingwilliamstown)

PO nofomana IMELA, IFOLOKWE, AMAGXEBEKA, IPLETI, INKUM. TYE, IBEDI, INTO ZOKUSEBENZA, (tools), IZIKONKWANE, IZIKOLOFU, INTSIMBI ZENGANGANGA (hinges). Singatintina? Ilapo nje yonke into efunka endlwini naseshopini.—Cathcart Street, 16th May, 1888.

I-FASHONI EZINTSHA, EZIVELA E YUROPE.

Ezananekazi i Fur Capes. Ezamanekazi i Fur Dolmanettes.

I jersey ezintsha ziqalela kwi 3s 6d to 5s 11d.

Ezangapantsi ezilukiweyo, zitshipu kakulu.

Izitofu zelokwe zobusika ezitsha.

Iflaneli ezenziwe ngoboya begusha Zase Afrika. Izikafu, netyali.

Into eninzi yezihlangu zamane-nekazi ezidla i 7s 6d ziyakutengiswa nge 5s 11d.

Zonke ezinye impahla zitshipu kanye kotenga ngemali.

W. O. CARTER & Co.

MACLEAN SQUARE,

G. Frauenstein

KWA QOBOQOBO.

YAZICELA zonke izihlobo zake ezi ntsundu okokuba zize kuposa iliso kule nkumba yake eyiyenkile. Ungumtengeli wento zonke ezibutataka nezintkuni. Zitengiswa ngamaxabiso alula, ndisenzela amaxesha.

Imfele, izikumba, umbona, ingqolowa, Ndizirolela amaxabiso apezulu.

Kwelinve Ipiko kuko nomfo otunga izi hlangu zentlobo zonke.

Kukwako ne Butcher's Shop, ne Baker's Shop.

Amayeza ka Cook Abantsndu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange-

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

COOK Elika Iyeza Lokukohlala (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d. ibotile.

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika

COOK Ipils- 1/ ngebokisana. Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile. Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana. Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

COOK Nqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist, E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Iveki.

UMBULELO ka Colonel Griffith (u Faku) kubavoti belaba Tembu, elidibanisa nelana Mfengu, wofunyanwa kwakwelipepa lanamhla.

I PALAMENTE yase Transvaal imise umteto obukali mayelana nokugcinwa komhla we Sabata.

INKOSI yama Ngwato u Kheme igxote emhlabeni wayo abantu abatile bayo ngokusuka benze utywala.

INOOSI yedeselbom ihle e Colesberg ku- mfo ontsundu ote esihla enqweleni suka watyibikila, walunga nomkono, omtyumze wafa.

ABENZI bomqombeti zibafungele kungoku Imantyi. Otnpye weliqela udlwe £10, yi Mantyi yase Bekesdorp, okanye abenyanga ntau elityeni; uhlalule,

INTLANGANISO yengxoxo yolutsha olufunda e Lovedale, ibixoxa mayelana nemfuneko nokangafiniki kwe nkosi ezintsundu; kwahllelwele ekupeleni kwengxoxo, abate azifuneki babe 10, abati ziyafuneka 7.

U MR. SAUER angenise e Palamente nmtdo wokukhusela izidalwa ezingatetyi kwimpato yobularume. Uyapinda uku. wungenisa, ngenx' engapambili wachaswa kangokokuba ungapumeleli.

KUVAKALA ukuba u Hofi (Mr. Offy Shepstone) obepatele ikumkani yama Swazi imicimbi, utyaliwe lelotsi hawe. Amangesi akwelama Swazi arafa ku Mbandini siteta nje, ngapambili eberafa ku Hofi.

NGOKUTOTYWA kwe Rent zefam u Rulumente ulahlekwe yimali eku £30,000.

AMABUTO abantsundu amana ukutunye. Iwa e Johannesburg esuka e Tekwini ukuya kusebenza.

UMBANJWA obebaleka intolongo e Ladi. smith, e Natal nbinzwe wafa.

ZIMBINI ivenkile esezipangiwe kwa Zula. Imikosi epetwe ngu Colonel Stabb isahla- nganiswa.

KUKO umfo ontsundu obequnywa ngama dindala amabini e Kimberley ngokuhlwa kumnyama, osuke wabaleka waya wela emingxenyeni, amncama amadindala. Emva koko ufunyenwe egqibele nkwapuka ezantsi wafa xa asiwa e hospital.

NGENXA yokubhubha kwe Kutnani yama Jelimeni, e Emperor Frederick I. obezike intombi enkulu ye Nkosazana u Victoria, Inkosazana iyaleze izila kulo lonke clayo iveki zombini. I Palamente yase Kapa ingene ngo. Mvulo yavakalisa amazwi okukhiza isizwe sase Jelimeni, yabuya yahlukana.

UTE u Col. Griffith akungenisa e Pala, mente icebo lokuba kwenziwe umcancato e Mbhashe kwindlele eya e Mtata, snka u Mr. Sivewright wati ukuba iyavunywa lonto yonke imilambo yase Mbo mnyenze- lwe imcancato, ayabeta lonto kwangqaba neyo Mbhashe ayabisa kangelwa. Kunjalo ukunyula kwabase Mbo.

UNYULO obolukumandla wase Rini, apo amanene abeselugqatsweni ibingo Mr. Luke no Mr. Norton, belqsemi ngoluhlobo :- Mr. Norton (we Mbumba yama Bhulu) 404; Mr. Luke 370. Ingxelo zase Spring, vale nase Southwell sibe singekafiki.

LAMAMPONDO abeza kuxhonywa e Mtata ekute ngesasipitipiti abenxhamele ukubulala amapolisa, kwadutyulwa u Manetyana wabehla wafa. Ngu Marulu yedwa ohlalele ukuxhonywa.

I PALAMKTE yama Bhulu ase Transvaal igqibe kwelokuba kungatetwa ntdo yimbi ngapandle kwesi Bhulu kwinkundla zonke zamaganya, ezipalamente, ematyaleni nase zimalkeni. Ayarora kunene Amangesi yileyo nto.

UMCIMBI ka Sam Binda umfo wesika Kama omelele i Rini owadliwa wabushushiswa nge rafa, wawetyelwa zi Jaji, wame- lwa zindleko noko ungeniswe a Palamente ngu Mr. Sivewright, ocela ukuba upicotwe yi Komiti, yo Sir T. Uppington, Mr. Hofimeyr, M. Innes, Mr. v. d. Walt, naye.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, JUNE 21, 1888.

Umfi NGE-CAWA, ngom- Mr. Chesson, hla 29 April, lo ugqitileyo, umzi ontsundu washiywa ngomnye wabahlobo bawo abakulu, inene lase London, u Mr. F. W. CHESSON. Lomnumzana ugqibe iminyaka emininzi epete umsebenzi omkulu wokubuzela izi- zwe ezintsundu ezikuzo wonke umhlaba, xa sazeke zipetwe kakubi ngapapatele Inkosazana. Kambe kuko e London imbumba yamanene alungileyo, adumileyo, azitwala- ndwe kulombuso we Nkosazana, azimisele ukukange ukuba izizwe ezintsundu zipatwe kakuhle nange- mfaneko ngamagosa ombuso wase Britani. U Mr. CHESSON lo ube- ngamebilo, nendlebe zolomanyano lwezidwangube za Pesheya Ubuthe ke ngoko wahlala enabantu abam- bhalelayo kuwo onke amazwe, abamazisa ngento zonke, ukuze uma-

nyano olo angu khala walo lukwaz ukunceda ngokubongoza nokwala- tisa inkundla yo Mntan' Omhle. Ngelituba lisuke ke laduma kulo lonke ihlabati igama lika Mr. CHESSON. Yaye nalomsebenzi abe- wupatisiwe umhleli kakuhle ngenxa yokuba ube ngumfo ongqondo inkulu, irelerele, enjalonje eliciko. Qonda ukuba noko ebese London nje, ubeyibuzela ayixoxe into epa- telele embusweni yeli letu njengo- kungati ngumntu weli. kanti. ukwa- njalo ngento ehla e Timbuctoo, e Java, e Japan, e Fiji, e New Zealand, e Carlifornia,— singatini na?—napipipi. Wonke obenga

angavakalisa isiroro sake mayelana nenkundla. ezinganeno kwizipakati ze Nkosazana ubesingenisa ngo Mr. CHESSON lo. U Bishop COLENSO ngokwake, izinto zonke abeti ama- ngalele ulaulo lwase Natal kwi Nkosazana, kwimicimbi enjengokuba- banjwa kuka Nkosi LANGALIBALELE, no Nkosi CETYWAYO, ubezingenisa ngo Mr. CHESSON, obeti ayimise ngomxholo inteto angabi naxha- nti amapakati o Mntan' Omhle, kuti ngamanye amaxesha ziqetulwe izigqibo zezinkundla zinganeno. Usemi nje umzi wase Lusutu ube ubuzelwa ngu Mr. CHESSON lo kwi Nkundla ye Nkosazana Ikwa ngu Mr. CHESSON obeba nombuzo kwi Nkosazana mayelana nento ebasesenzisiwama amawetu ngumbuso wase Kapa; imipu, utshiso, ipasi zobukoboka, ubukoboka obabuyilwa bokuluweza ulwandle usapo lwakwa XHOSA ukuba luyokuba zizifologu za Mabhulu—zonke ezonto lwazi- chasa ngawo omane umanyano lo Mr. CHESSON obeneqela lamadoda e Palamente pesheya. O Mr. SAUL SOLOMON no Mr. IRVINE bebesiti bakuqetulwa ngo Mr. SPRIGG e Palamente e Kapa, bayibhekise kolu manyano inteto yabo, iti noko ipelileyo ingxoxo e Kapa, ivuke pantsi kwi Nkundla ye Nkosazana. Ibikwa yiilonto nango Tungnmlomo, wabamba zema umfo ka CHESSON kwada kwacelwa Abachazi-Mteto be Nkosazana, abate ubuzwe obungapandle kwe Nkosazana abuzange buBalelwe mfanelweni zambuso kakade, ngoko xa buka- nkanywayo ubuzwe akuguqulwanga nto ku 'Miso we Nkosazana,—yaba iyayekelwa apo leyo ngxoxo; esati tina bagwetyelwe abantsundu, xa ngaba kuyinyaniso ukuba ummiso we Nkosazana omdala awuguqulwanga Singenjenjalo singayeki xa sifuna ukwalata ingongoma zobom bale mmuzana. Usishiyileke umfo obe nesihlobo esihle kowabo e Britani, kwinceku zelo, namapakati; uhambele umhlobo wendwadube; obengace- kisi bupantsi, namajacu osizana olungumntu ontsundu; obezamelala ukuba bonke, ngapandle kocalulo, banikwe okubafuneleyo. Awama- ninzi amadoda anjengaye; nabeke ako anje ngo Bishop COLENSO. O Mr. IRVINE, O XOLLILIZWE, O DR. PHILIP,— asishiyile; u Mr. SAUL SOLOMON wavelwela ngendlu; yaye lingeko itemba lokuba siya kubuya sibe naye onje ngo Mr. CHESSON e London. Kungaluyolo ukuqini- seka ukuba emka nje lamadoda alungileyo, ukuya, emvuzweni wawo olungileyo, — kungokuba ewufezile umsebenzi awaye velise- lwe wona ngu Mlauli- wako-konke.

Ngetuba elilandelayo sisake si- wenzele umzi izimvo zezihandiba ngayo lendoda sinyembezi ngayo.

Amanqaku.

INKANTI le imele isikolo sakwa Kama isemi, noko wayeke wati U Rulumeni akasakuvuma ukuba ime. Imbangi ku- kuba kusitaya ayimi mhlabeni ka Kama, kodwa ikowe bliakisi. Lendawo ayiva- kali kuba nakuba imi kulowo mhlaba we bhalakisi nje imele ukubhubhisa usapo luka Kwane. Konakala izimilo zentsapo ya Makristu, eti isatungulula ibone abantu bema ukunqika amaqilo eukanti besela obubuti, babe bona kuselwa nto, zebapuke izimilo umntu babo bonke.

UMANYANO lwamanene amhlope ase Kimberley olufungele ukwenza konke elinako likuyisonga lombhujiso yontsu- ndu ngotywala. Iusekwe emazinyweni entshaba, zibe zisuke apo e Daymani zagasa, zetyatyasini. Kwakwintlanganiso yokuqala abagcini benkanti beza ne nkita eyake vaziti zishizhize ukuba kuchata izigqibo; ze kanjao iyidube intlanganiso ngengxolo nokuzipata okubi. Kube kwayilonto kweyesibini. Mhla kwa- kuzakuyilwa umanyano. Ite kanti into ka Watkins ugqira ineebo apa eliyaku- suka liwaxake amanxila. Unge, ekuvu- leni intlanganiso, angabalisa ngengxoko

zelo apa eyaka yako e Feso, owamana uduma umzi owawunakana ukuba uyala- hlekwa ngamalungelo okushunyayelwa kwe Naba Ezilungileyo usiti: "Mkulu u Diyana wama Feso!" Wacela ukuba amanene anga lungema umanyano azoku- bhala amagama ngapambili. Kufezise oko ute ipelile intlanganiso yoninzi kuza kungenxa ngoku eyomanyano. Adana amaxhila emka nazo ezobhote abesaya kuzisela. Luqaleke pakati kobuzima obunjalo umanyano lwabamhlope base Kimberley, kumhlope njengokuba luqa- leke kobungaka nje ubuzima, luyakuma. Lento umntu ugcina into ayifumene nzima.

AMANENE e Komiti yabamhlope base Kimberley ngo Dr. Watkins (Umongame- li), Mr. B. F. Knights (Umungiseleli) no Revs. Lytleton, Tobias, W. Wynne, J. T. Lloyd, Ochse, Bulmer, W. Pescod, Dr. Mackenzie, Messrs. A. R. Goldring, G. Bottomley, S. Stirley, G. C. Cato, no J. Davies. Le Komiti izakudala imiteto yolumanyano.

BEKUNGASIKOLISA kunene ukubona umanyano olunjengolu luyilwa nakwezi- nye izizeko. Kube kungeze kwapela minyaka engabanga amawetu angabantu abahleli benengqondo zabo, abasebenza izinto ezibonakalayo ngelotuba. Yaye yona inyaniso ikukuba mayincanywe ingalindelwa intsebenzo eneziqhamo ngalo lonke ixesha abenziwa izihiba, izilo, namajacu ngobutywala. Ngamana umsebenzi oqalwe e Dayimani, wokubanda- kanya onke amanene atywe imbujiso yontsundu ngotywala, nangengabo abazi- li, ungasebenza njengegwele pakati kwa- bamhlope.

I PALAMENTE yonyaka owadululaya yati pakati kwento" eninzi eyazigqibayo yamisela ukuba aze u Rulumeni anyule amadoda okucedulula imiteto yase Dayi- mani. Enyuliwe ke amanene lawo umongameleli wawo yaba yinkulu ye Jaji u Sir Henry De Villiers. Kw- ingxelo ayenzileyo ngokubona kwawo sitabata lamacapaza angempato yempi entsundu engabasebenzi. Amacebo obulumko okusetha abasebenzi, siya- vuyiswa tina batunywa kubona ukuba ayenziwa zi Kompi nangabane klem zabo; yaye kunjalonje ikomponi, nom- nye oneyake iklem (u Mr. Mylchreest) bake inqila ababagcina kuzo abasebenzi babo ukuba bangahlangani nabanye abantu. Ezinqila zinokwenziwa ukuba zingabinakunyamezeleka, ngoko ke zifu- na ukulindwa zipatwe ngenyameko. Umkuseli wabantsundu bekufuneka ukuba ayalezwe ukuba aqondi- sise ukuba ababantu bakontilekwe ngemvume yabo, baye kananjao be- yiqonda into abayenzayo. Abatunywa banika icebo lokuba kumiswe umntu oyakumana ehambela apo ezinqileni, ehlola, esamkela into abarora zizo mayelana nabo babapeteyo nokuba zimayelana nentlobo pakati kwabo bodwa, akangele kanjako ukuba yonke imiteto iqutywe ngendlela yayo. Indawo eliroba kwezi ziqibi kukuba abamblope bevalenkulale- lwa kuzo njengokuba bangelwe abantsundu, isiqhamo soko kukuba idayimani ezibiweyo seloko zipuma eminxenyeni zisiya kutengiswa kwabaungamfanelo yokutenga. Lento ayinakupeliswa ngem- teto; into efunekayo kukuba sekuqashwa abelungu abatenjwayo kanye, bahlatulwe kakuhle, apindapindwe amacebo okunqu- mamisa ubusela be dayitiani.

U RULUMENI selewungenisile umteto omisa icebo lokumiswa komhlobo we Compound. Kusekukheli ukuba iziqibi azinakupeliswa ngalo lonke ixesha ku- ngekwenziwa imizamo yokuba kuketwe abantu abatembekileyo ngezimilo ezazi- wayo ukuba basebenze. Iifanlekile icebo lokuba kumiswe umntu wokuhlola i Compound, oyakuba ngamhlo ka Rulumeni ukuba abantu bangabandze- lwa.

SIYAMVUSA kodwa u Rulumeni ukuba lomhlobo akasakuba luncedo emzini ukuba uyindoda engabatandiyo abantu abantsundu ngenitliziyo; angafanelana ewenza umsebenzi wake anele u Rulumeni, ukuba abantu akabatandi akangene ezintliziyo yabo lowo masebenzi wake awusakuba luncedo nakubani. Lento makayikangelise no Rulumeni. Nase Mampoudweni njengokuba kutetwa ngo- kumiswa kweudoda eyakuba lilido lika Rulumeni, ayisayi kunceda luto ukuba yindoda enentiyo nengangwenele ukuba abe ngumzi omiyo Amampondo.

SIVA ukuba Umhlobo-Zikolo, u Mr. John Samuel, obebanjale ngu Mr. C. J. Crawshaw, ubuyile e New Zealand apo ebembele kona, ubuya enobuhlezile obanelelele ukuba angene kwase msebenzi wake. Mabongatsho noko abantu ukuti u Mr. Crawshaw uyapuma emsebenzini, kuba kwi ngxelo engemfundo epambi kwe Palamente, sibona ukuba u Dr. Dale ucela ukuba kubeko omnye umhlobo ngapandle kwaba bakoyo, omsebenzi uyakuba kukuhlala e Kapa abe ngumbali wamanani entsebenzo yabanye ati xa ngaba kuko opumlayo ababambele. Awubonakali noko umsebenzi kulento sekukukufunela indoda leyo isikolobho.

LIYAPITIZELA kwakona elakwa Zulu, Ukuxoliswa kwelo ngu Mr. C. J. Havelock, i Ruluneli yase Natal, akumanga xesha kuba kwakusekwe ekungamazini umntu ontsundu. Isuke i Ruluneli yaxhumisa u Sibepu ngapezu konyana ka Cetywavo, wati akubona ukuba wenjenjalo wamisa Imantyi ezingenalowavelano nabantu bakwa Zulu. Lento ibanga lemfazwe kukusuke imantyi iti ukuyakubiza um- landu iselutumela umkosi upela kubo- nakale ukuba seliyimfazwe, zikwazimvo zokupata kwe mantveni ne Ruluneli ezibange ol' utuli kwa Zulu, Ababantu abayazi intliziyo yomnt omnyama.

SEBELUNGISELELA imicimbi vonyulo e Dikeni nase Ngqushwa. inxenye yamagwangqa seyiqalile ukuchaza ama- bala amahle, esizingqubo ukuba ako ati unawo u Mr. Paul Timm. U Mr. D. Watson wase Sheshegu ufuna engene naye, akutetwa nto kona ngalimalungu mabini ase Palamente amele lomandla u Mr. Innes no Mr. Johnson. Ingxa- mele ukubaguzula impi emhlope.

IKHABA eke lafunda e Lovedale liya knvuya kunene ukuba ngempumelelo yowabo u Mr. James Davidson, unyana ka Rev James Davidson wase Mbulu, opumlele uviwo lwe M.A., e Glasgow University. Lendodana ike vase Love- dale ukuqalela ku 1878,kuseku 1880. Ngati uwele ukuya kufunda e Scotland ngo

1884. Kuludumo ukuba indodana eza- lelwe kweli lizwe iyekufumana ama- gama emfundo epakamileyo pesheya. Sivuya no Mr. James Davidson ngoku- pumelela kwake.

IPEPA elingumlomo we MbutnLa yama Bhulu (Bond Organ) livakalisa into ekuyakuba yivo yakuba liqela elanelele ukwenza ukutanda e Palamente yeli lipetwe e Kapa. Liti " Imfundu ebafaneleyo abantsundu asiyyivo le ba. yini- kwayo kwizikolo, ayixbasayo u Rulu- meni. Kufuneka kumiswe yi Palame- nte umteto obukali wokubanyanzela emsebenzini."

UMTETO obukali wokunyanzela umntu kusebenzini ngowobukoboka kwapela Emayibe ijonge kulonkalo Imbumba yama Bhulu. Nantso ke into evotelwa ngabantsundu base Mbo xa bebenyula indada yokuya komeleza Imbumba yama Bhulu e Palamente.

I PALAMENTE.

Ewe, seyinxesha ihlangene e Kapa i Palamente. Asikakuba asizihoyile ingxoxo zamanene apo lento kungekabonakali zinda- ba zayo knumihlati: kukuba sibe singekabi nanto siyifumana iyakuba necenca kuma- wetu. Awaneliswe noko umzi, kuyabona- kala niktiba mawunike wona intloko zento ebezisingetwe ngamanene.

UMHLA WOKUQALA, 25 MAY.

Kuhanjise amatiletlo okuvula.

UMHLA WESIBINI, 26 MAY.

U Mr. Rothman ube nento azisolayo kwizigwebo ezibini zo Jaji,—esinye ngobu- dlwengu ate umoni wanikwa iminyaka embalwa, esinye sesomfo omhlope owatshisa ivenkile wanikwa iminyaka emininzi, ubize amapepa angokutetwa kwalamatyala. Um. sebenzi waleminzi ibe kukulegwa kwemiteto engeniswa kutshisa :—ongoknpatwa kwento'ongp, ukuvota ngamapepa e Kapa nase Dvti. mani. ukufaywa kwentlanzi, ukunqanda ukuba inqaba zingenziwa imifanekiso, ukngcinwa komkulu kwencwadi ezishicilelweyo, ukulu. ngiswa ngendawo ezitile komteto we Dayimani, impawn zemphala yabarwete, ongabangi nabatengiseli babaaye, no ngo- kakualwa kwamahlali.

UMHLA WESITATU, 29 MAY.

Ibe yingxoxo eshushu ngokuzishintela nokushintela abahlabo kwimali zakomkulu okwenziwe ngamanene angu Sir: T. Uping- ton, Sir G. Sprigg no Mr. Schermbrcker namanye; kuncywele i Komiti yokngqulula ngawona macebo alungileyo ukuweza kwe wayini. Kulwese umteto oqinisele umanyano lwabancedisana ngemali. Kucikidwe nmtdo wemifanekiso yengqaba.

Ingxoxo eugempango yemali zakomkulu indululwa ngu

SIE THOMAS UPINGTON ote um- ngaliswe ukulasa kwelinye lamapepa see Kapa alowo mhla inteto erara. Akubo bani nlipikayo ilungelo lamapepa endaba lonkbo. nisa indawo eziziposo kumadoda entweni zombuso; kodwa yindawo efuna ukuti ingabi mmandi ukuba kutetwe ngendlela enjengale zakubonisa ukungalungi kwayo. Amanqaku atata ngawo ngapapatelele kwi- ntlaulo ate mawunikwe yona amanene abetunywe umsebenzi wokucidula imiteto yase Dayitnani, ate mawunikwe £2 2s. ngemini, ize xa ahambe umgama anikwe isheleni ngemayile. Lento ivunyelwe ngu Sir G. Sprigg, kanti ke noko lamanene enikwa isheleni ngemayile nje anokuti abe ahambe ngapandle kwentlalo kuloliwe, Litsho alipepa (Cape Time), lingene nakwi nkulu ye Jaji libuze ukuba kunganina ukuba igosa lakwa Rulumeni lihlaulwe £2 2s. ngemini ngokwenza umsebenzi wakwa Rulumeni; kanti ke noko u Sir T. Uping- ton watsho ngapaya namanye amanene ase Dayimani. Lesheleni ngemayile kumntu onjengo Sir T. Upington ohamile imayile ezi 1,300 ivunyelwe ngu Sir G. Sprigg umntu obandezelele izicaka zakwa Rulu- meni ozingapantsi etoba imivuzo yazo kuba ositi akuko mali; ngu Sir G. Sprigg oyivumeleyo lempango Mr. INNES: Ehear, hear! Umhlobo wake obekelileyo, ilungu elifundwe kunene lae Dikeni, uyiqwabelela izandla lonto. Ukuba kunjalo ilungu elibekelileyo lase Dikeni lingaba liti lukulu ye Jaji zeli, Umbhazi Mteto ka Rulumeni, nabanye, babengene caapla- ngeni. Wenjenjalo u Sir T. Upington ekaleta ukuba lemali yahlulwa zikomponi; yaye ingxelo ye Komiti yingapuzulu kwe £1050, ehlaulweyo ngexabiso, ayihlala wanga ngarafu zabantu kodwa iyimali ye komponi. [Sir T. SCANLEN: Ibodi yase Kimberley iyarafisa, lomali irafwayo iyabantu beli lizwe njengazo zonke imali zakomkulu. Uqube u Sir T. Upington wati lekomiti yamiswa ngotnqweno wabantu base Dayi- mani ahanelweyo kuhlala. Liti ipina imps, ngo ilungu lase Cradock (Sir T. Soanlen) ne lase Dikeni (Mr. Innes) ubuza kwilungu elibekelileyo lase Dikeni ukuba belingayyo na e Kimberley, njengokuba liugntqondisi- mtdo, ngemali engapantsi kwe £100? Nento, belingeliveyo ngapantsi kwe £200 ne £300. Ilungu lase Dikeni belingeze latanda ukuba kutiwe lomali yimpango, njengokuba elazi ukuba ngumfo otembekileyo obekelileyo. Ufumene enyanzelekile ukuta akusele Inkulu yo Jaji, edoyjwe ngodaka ingeko kwelilizwe.

Mil. INNES ute kuye kubonakala ukuba ligatna nje ukuba lento uyingeniza Utchazi- Mteto egameni ne Nkulu ye Jaji engekoyo, inyaniso kukuba uyingenisa ngenx' enaye. Igama le Nkulu ye Jaji bekuya kulunga ukuba lbelingangeniswanga kanye. Inkulu ye Jaji ikupela kwelungu le Komiti elingamkelanga xabiso lashedeni ngemayile. ote wabiza kupela imali ayichitileyo. Ngandleko yokuhamba kutetwa tonina? Kutetwa kupela ngemali umntu ayirolele ukuhlala indleko ahambe ezenza; kodwa ngapandle kwe Nkulu ye Jaji, amalunga abize isheleni ngemayile, oko kukuti ekubeni indleko yokuya nokubuya e Kimberley iyi £15, ilungu ngalinye le Komiti lifumene £65. Ke uyabuzwa kwinkundla ukuba, azililo ihlazo na elo P (Yiva, yiva). Ukuba i £2 2s. asinguwo umvuzo owanelayo, kunganina ukuba kungaxelwa oko emhlotsheni kubizwe into engapuzulu ngemfaneko. Into augayi-

tandijo kukuba nge Palamente yanyakenye amalungu aRu... yase Kimberley into engenzi sahlulo kweyo-kuba ibe ibihlanlwe kwimali yakomkulu.

SIR T. UPINGTON : U Rulumeni akaroli nefalintyi yayo.

MR. INNES; Lemali ihlanlwe yi Bodi yase Kimberley into engenzi sahlulo kweyo-kuba ibe ibihlanlwe kwimali yakomkulu. Ikomityi yabacedululi masiko abantsundu ne yase Batenjini, ati u Sir T. Upington balandela yona, yayingahambi ngaloliwe, yayifinani elanele ke isheleni nge. mayile. Kule yase Kimberley leyo iyeyo. bumenemene. Uyibixa ngegama lohumenemeece kuba amalungu ctabata into engapezulu kwencito, into ke leyo eyimpango. Ubhekira ke kwinkundla ukuba yindlele eyimfanelo na le ukuba amanene azirume ngayo. Ukuba kufuneka eruniyive amadoda e Komityi mawanikwe £4. 4s. noknba £5 5s ngemini ukuba kubonakala kufuneka; kodwa mayingavunyelwa into yokuba amadoda abambe 1,300 ahambe efumana isheleni ngemayile, elixa achite £15. Unosizi kanye ukuba igama le Nkulu ye Jaji lingeniswiwe, kuba libe limsulwa, yaye lingeniswa ngu Sir T. Upington ukuba azihlambé ngalo. Inteto yepepa ayixhase kuba ebumelana nayo, efumana kungeko aambi isigqibo angnifika kuso umntu enezi- uyaniso libbale linazo ipepa.

SIR T. UPINGTON : Ndiyavuma ukuba belifanele ukutsho ipepa ngenyaniso pambi-kwalo, yiyo lonto ndite kwasu ukulini inyaniso ezingapezulu.

MR. INNES lendlela kutatyatwe lemali ngayo mayipeliswe ibuhlazo.

U SIR TAOMAS SGANLEN ukwa kuluvo luka Mr. Innes, waye engayiboni into yokuti umntu osebenzela u Rulumeni arunywe okunye xa esuswe kowake umsebenzi wanikwa omnye okwa ngowakwa Rulumeni.

U MR. MERRIMAN ulandele, walata kwinteto ka Mr. Schermbrucker oko ebe ngekangeni kwivonga akoko nkucukeza imali ezicitelwe ikomityi, wayengekabiko oko u Mr. A.B. ote watunywa ngo Mr. Schermbrucker wafunjaniswa ikupa lakwa Rulumeni. (Kwahlekwa.) Namhla nguye nowubo abapanga imali yakomkulu. Yinto elihlazo ukuba kubeko ilungu lika Rulumeni elitabata imali ngapezulu kwentlalo eliyi fmanayo kumsebenzi wekomityi.

U MR. SCHERMBRUCKER uchaze eyake neyowabo bobabini incite ye £306 ukusuka e Kapa ukuya e Pretoria, ati yimali leyo abayichithe ekuqesheni ikali nendleko kmpela.

U SIR GORDON SPRIGG ute, ilungu lase Dikeni limbeka u Rulumeni ityala lempango, walata kwakona ukuba yimali ye Bodi jase Dayimani.

U MR. DOUGLASS, ukalaze ukuba ingakidwangwa indawo yokuba lamanene etabata lemali nje ebengaz hlali itikiti zika loliwe.

U MR. HOFMEYR walate innosiso ka Sir T. Upington ukude ayihoye inteto yama-pepa. Lengxoxo ibonisa imfuneko yokuba kubeko into ekugqityvra kuyo mayelana nokuba makanikwe ntonama amalungu akwa Rulumeni xa ngaba ayabambahamba e Koloni.

U MR. LEONARD walate ukuba imali ze Bodi yase Dayimani zezakomkulu, no Sir T. Upington wakutsho oko nyakomnye. Ukalazele ukuba amalungu ka Rulumeni abuyiswe-lwe imali yendleko zawo xa ngaba atunywe gama kwakumsebenzi ka Rulumeni.

U Sir T. SCANLEN unike isaziso sokuba uyakufuna kubekwe ingxelo yencito yamalungu ka Itulumeni xa ahambahambayo, oko lwati lwamiselwa ulaulo olungu nqapela-ndikule.

UMHLA WESINE, 30TH MAY.

Kokukangelwa kwesibini komteto we ntlanzi. Kokukangelwa kwesibini kowo- gcinolwencwadi. Kucikidwe owokunqabisa inqaba neminye imiteto elolohlobo.

AMACAPAZA ASE KIMBERLEY.

[NGUMBHALELI WETU.]

IKAYA.

Nase Kimberley apa nonyakanje kuko ikaya lendwendwe, livulwe ngu Mr. Madala. Kesaya kulikangela elikaya, asikolwanga kanye yindlele eliqutywa ngayo, kuba sifike tina lingenamafluko we kofi-shopu ziyindimbane apa e Dayimani zibeke zingenaluncedo ezindwendweni. Siyatembha ukuba u Mr. Jas. Madala uyakuhla alilungise ikaya elo aliqalileyo.

UGWEVA.

Kuko enye indodana kwakona apa e Malay Camp esand' ukubanjama nge dayimani, ibisafika, isawuqala nalomsebenzi wokugweva; lendodana ibihlala kufupi netyalike yase Wesile, abanye bamazi ngegama elingu Sitonga, kulunyenwe imbokotwe zantlano ebhokisini yomnene. Yinqaba ukuba wodabula.

IKOMITI NOKUZALA KWENTOLONGO.

I Commission iti oku kuzala kwentolongo nokuxinana apa e Kimberley kubangwe ngulomteto we pasi, ngokuba amapolisa aman' ukupuma ingqina ukuya kuzingela abantsundu, into embi kunene, hazé ababantu bagwetywe bengabuzwanga nezizatu, bengenaye namteteleli.

ELEDOOSI.

Kuko noslyazi obanjwe kunye no Stonga. Eligqira kutiwa belimana ukumvusa lixela ukuba idayimani u Sitonga wozifumana niuina. Namla unkbani naye ubanjwe.

UKVNCIPA KWE MIPANDA.

Kungokunje ngati mipanda yamane-nekazi antsendu ayisayi ezikwatini nje ngexa bekungekatetwa ngabo utywala.

UKUFIKA KOMFUNDISI.

U Rev. J. S. Morris, umfundisi wase Wesile oza kushumayela ezikwatini e Kimberley nase Dutoitspan, uselefikile, nge-Cawa edulelwe wayeshumayela e Newton, e Wesile kweyabantsundu, kusasa. Uya kwamkelwa yile remente ngolwesi-Bini, 19 ka Juné.

IKAYA E BEACONSFIELD.

Bati abantu base Dayimani liyafuneka Ikaya Lendwendwe nase Beaconsfield. Nalo le ilungelo mfo ontsundu onako.

OMIKWENZWE ZI MBUMBA.

Abantu base Dayimani bati Umanyano nge Mfundo neotlanganiso ka Tungumlomo, mazihlangane kumenywe intla-nganiso enkulu yabamnyama, kweziwe iqingqa ngale ndawo-yotywala bomlungu Ukuba mabususwe pakati bantsundu. Lontlanganiso ingenziwa ngoku i Palamente isahlileyo nje. Huku nto zakowetu ! Safa nga Mabhulu !!

UKUSHWESHA.

Amadikazi asikuko nokuba maninzi ngoku apa e Dayimani, abantu benza, into esimanga ukushwesa.

UKUHLA KWAMAXABISO EDAYIMANI.

I dayimani ziwile kunene ngoku, asazi ukuba bona abakuti ngoku. basaya kufumana into. Ninga ncamii noko nto zakowetu ezise Ligwa.

UKUXHASWA KWE "MVO."

Umzi mauke nawo lendawo utyiqwala-sele. Kuko abati yinina ukuba imali yomrumo ingami kwezi sheleni zintatu ngekwa-ta, ukuba umntu angamelwa zizo, nokuba sekudlule inyanga neminyaka. Batsho ababantu kuba bengazi okokuba indleko zokuqutywa kwomsebenzi lo, zimelwe yilemali yomrumo, eti xa ingafikanga kwasentloko kufunekle uku-ba kuyokubolekwa e Bhanikini, ape, kumali izalayo. Lomatole ke, amelwe, ukuba ahlaulwe ngabo bangahlali kwase Ntloko. Ukuti entloko, siteta ngapambi kwokufa kwenyanga yokuqala ye kwata.

Sivuyiswa kunene tina xa abahlobo betu beyirola kwa isaqala ikwata, nayo isekwini layo lamhlamnene, kunokuba ibanjwe de kudule, amaxesha emfanelo ithambe nendleko ze Bhaniki.

KWA ZULU.

Ezokugqibela ezivela kwa Zulu zifike ngo Mgqibelo e Maritzbnrg, nomlungu weve-nkile otti n pangwe yimpi ka Mnyamana. Yimiqodi ama Zulu avela kumacalana onke. ukusanga ku Dinizulu. Uncoma ukunqaba kwe lizwe apo itontelana kona imikosi yalo nkusi,- Enkongeni, seleku 6,000 amadoda akona. Bekulindelwe ukuba ifike yonke ilungele ukungena imikosi yakwa Rulumeni ngo-Mvuo, ize yenze konke enako ukumba- mba u Dinizulu.

Ukubhubha kuka Emperor Frederick.

Ikumkani yase Germany, u Frederick, ibhubhe ngolwesi-Hlanu lweuqitileyo, kusana, ngentsimbi yeshumi. Unexesha esemngcipekweni sisifo esibe simbambe ngomqala. Wazalwa ngo 18 October, 1831, waqeqghelewa emkosini, ate wafumana ubuptizo lomlilo kwimfazwe ezazipakati kwama Jelimeni nama Austrians ngo 1866. Ngo 1870, waye ngpmnve wabapati bemikosi kwimfazwe awaye bambene amawabo ne France, wayeb. Inleke ukogalipo kwezo ndawo zonke. Ngo 25 January, 1858, watshata nentombi enkulu ye Nkosazana yela Mangesi, bazibula nkonyana u Frederick William Victor, Albert ago 27 January, 1859, otabate indawo yoyise ebukumkanini ngegama ukuba ngu Emperor William, II. Elitshawe lililelwayo lisipfite isihlalo sobukumkani inyanga lisizatu kwapela. Luye nexego elinguyise libhubhe ibinguye obesemgcipekweni. Izizwe zonke ziyalala kunye nama Jelimeni.

EZABABHALELI.

AMACAPAZA NGE SOMERSET EAST.

Kwi Mvo ye 16th May umboneli endimbiza ngokuba ngosand' ukuvela, wenze inteto nge Somerset East ate akayinglisa kakuhle pambi kokuba ayis' epepeni.

Kwindawo yokuqala, ndiyakumxolela ngayo yonke inteto yokugxeka ayenzileyo, kuba ndingomdala umboneli, ndabe ndiqonda kakuhle ukuba bendiya kwenjenje nam lomzi ukuba bidingatanga ndilinde izimvi.

